**VAKALISA ULUVO LWAKHO NGOMTHETHO OSAYILWAYO WEENKONZO ZETHALA LEENCWADI LEENCWADI LOLUNTU WENTSHONA KOLONI KA2025**

IKomiti eSisigxina kuLongamelo lwaMapolisa, uKhuseleko loLuntu, iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo yePalamente yePhondo leNtshona Koloni iza kuqwalasela uMthetho oSayilwayo weeNkonzo zeThala leeNcwadi loLuntu weNtshona Koloni [B 1–2025] njengenxalenye yamaxanduva ayo omgaqo-siseko.

Injongo yoMthetho oSayilwayo weeNkonzo zeThala leeNcwadi loLuntu weNtshona Koloni [B 1–2025] kukumisela ubonelela ngeenkonzo zethala leencwadi loluntu eNtshona Koloni; ukubonelela ngoququzelelo lwamaxanduva kwiinkonzo zethala leencwadi loluntu; ukubonelela ngobhaliso lwamathala eencwadi oluntu; ukwenza isibonelelo ngomyalelo kuMabhunga ooMasipala imisebenzi ethile yoMphathiswa wePhondo ngokumayela namathala eencwadi oluntu; ukumisela imisebenzi yabalawuli bamathala eencwadi oluntu; kwakunye nokubonelela ngemiba enxulumente noko.

Umanyelo-zimvo zoluntu luza kubanjwa ngolu hlobo lulandelayo:

| UMHLA | INDAWO | IXESHA |
|---|---|---|
| **Tuesday 29 April 2025** | IHolo yeDolophu yaseMoorreesburg, ingxingwa yeSitalato iChurch neSitalato iPlein, eMoorreesburg | 11:00 ukuya ku 13:00 |
| **Tuesday 29 April 2025** | IHolo yeDolophu yaseCaledon, 22 Plein Sitalato, eCaledon | 17:30 ukuya ku 19:30 |
| **Wednesday 30 April 2025** | ITsheyimba (umgangatho wesithandathu), 7 Wale Sitalato, eKapa | 11:00 ukuya ku 13:00 |
| **Wednesday 30 April 2025** | Ngbuxhakaxhaka bale mihla ngoMicrosoft Teams | 14:00 ukuya ku 16:00 |

Abo bantu banomdla wokubonisana neKomiti eSisigxina ngoMthetho oSayilwayo bangangenisa iintetho ezibhaliweyo (i-imeyile: wmatthews@wcpp.gov.za).

Iintetho, imibuzo nezicelo maziye ngqo kuMnu Waseem Matthews (i-imeyile: wmatthews@wcpp.gov.za). Ungayithumela intetho yakho kwakhona ngomyalezo kule nombolo: 084 444 3817. Nceda uquke igama lakho elipheleleyo, idilesi ye-imeyile nenombolo yoqhagamshelwano xa ungenisa iintetho zakho kwiKomiti eSisigxina.

Zonke iintetho mazifike kwiKomiti eSisigxina ingadlulanga eye-14:00 ngoLwesithathu, 30 Epreli 2025.

Umanyelo-zimvo zoluntu lobuxhakaxha bale mihla kugafikelelwa kulo kwithala leencwadi lommandla wakho kunye/okanye kumaziko oFikelelo aseKapa. Ikhonkco elikufaka entlanganisweni liza kubonelelwa lakucelwa.

UMthetho oSayilwayo uyafumaneka ukuba wothulwe kwiwebhsaythi yePalamente yePhondo leNtshona Koloni eyile: www.wcpp.gov.za. Iikopi zomthetho osayilwayo ziza kuthunyelwa kubantu abanomdla xa bezicelile.

**Sikhutshwe nguMnu T Walters (MPP), uSihlalo weKomiti eSisigxina kuLongamelo lwaMapolisa, uKhuseleko loLuntu, iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo.**